

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS

EKA GRAY

Incindi Epitekeziweyo

TOWN, NGOLWESI-NE, NOVEMBER 6, 1890

[No. 312

—YE—

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS

KING LINSEED NE

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

Beauchamp, Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHA EZIBUHLUNGU NGA-MAXABISO ANGATSHIPU.

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA
INQELE, nazo zonke Izikulwane
zo MQALA ne MIPUNGA

1/6 NGEBHOTILE.

2/1- LITUNYELWA NGE POSI.

Ngamanani Nanganya kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

DYER AND DYER

KING WILLIAMSTOWN.

IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemale bonke).

Ibbulukwe zamadoda ze Flannel emhlope ziqalela kwi 7a.	6d. nge par.
Ibhatyi „Zelanga zelinene	„ 7s. inye
Ibhulukwe „	„ 5a nge par.
Ibhatyi „ Zehlobo ze Holland „	„ 4s. 6d. inye.
Ihempe „ ze Tennis	„ 2s. inye.
Ihempe „ Ezimhlope	„ 3s. inye.
Ihempe „ Zokusebenza	„ 1s. inye.

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI,
IMINQWAZI YE STOFU,—Intlobo-ntlobo—yamanani onke.

Zonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezamadoda.
Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6/6 nge par.
Impahla Entsha, Amapini, Ibhola, ne Net ze Tennis ezisand' ukwamkelwa.

IMFAHLA YE BHOLA:

IBATI, IBHOLA, IZINTI, EZONA ZITSHIPU E KOLONI,—ZININZI ZENZIWE
NGABONA BENZI.

GQALA.—I Club zitengiselwa nyamanani elungelo,

Isuti zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s.

(Iziziba nento zokuzimejela, zinikwa ngesisa kozifunayo).

Intlobo ezihleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze Serj, Zezitofu ezitofotofo, ze Kodi.

Umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu,—Kungabekelwana ngako.

IVENKILE ETSHIPU E KOLONI.

DYER NO DYER

KING WILLIAMS TOWN.

f2310

UFUNA

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLWA,

UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPILE

'ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni
TUMELA okanye UYE

GILBERT FOX AND SON,

MARKET SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN.

KOKSTAD ADVERTISEMENTS.

V. V. DOLD AND CO., E KOKSTAD,

BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange CASH.

Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.

Pambi kokuba utenge kwezinye indawo kawuye kuvela kwa

V. DOLD & CO.

Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.

Kubo Bonke Abalesa 'Imvo.'

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu

ukuti, xa basukuba benento abatuna ukuzitenga, bavelele, ngangoko

banako, kuzo zonke indawo Ivenkile ezimpahla ihlokonyiswe

ngezaziso kwi "Mvo." Kungalilungelo nakubo

bengayifihlanga lonto kubanini' venkile.

ABAZELWEYO.

ROZANI.—Ngo 26th October, 1890, e Idutywa, u
Mrs. Philip Bozani ubekel UNYANA 't 2d311

MALGAS.—U Mrs. D. Malgas ubekeke INTOMBI
ngo 13th October, 1890. e Holy Trinity Mission, Fort
Beaufort, 2t6il

MAKIWANE.—E Macfarlan, e Tyume, ngo 15
October, 1890, Inkosikazi yakwa Rev. E. Maki
wane ifumene UNYANA. 3t6U

IMIBIKO

DIKWENI.—E Mgqakwebe kubhubhe u JOHN
DIKWENI unyana ka Jacob Di-
kwani, ngo 11th October, 1890. Izihlobo zibikelwa
lompana. " Banyoyolo abafela e Nkosini." ItGil

MAJAMBE.—Kubhubhe e Rini nge Sabata yo
19th October, 1890 u EDWIN RUPERT FULATEL'
ILANGA, unyana otandekileyo nokupela kwake ka E.
N. NO K. Majambe. Ubudala yiminyaka 2 nenyanga
2 necawa 1 nentsuku 6. izihlobo zonke mazamkele
lombiko. Ebenokutyafa nentlanzo.
341311 E. M. MAJAMBE.

MQUQO.—Kubhubhe ngobhaqo e Tapolisi
(Theopolis) ngo Lwesi-Bini October 14th 1890 u
Daniel Mko MQUQO emva kokugula intuku
ezintatu— ubhubhe sisifo sokudamba umqala,
nehlaba. Izihlobo mazamkele lombiko ezipatelole
kwelase Maxhoseni. 2t6il

KO-TITSHALA.

KUFUNWA u Titshala we Sikolo sa makwenkwe
Emgwali (wakwa Ngqika), onesiqiniseko,
otshatileyo, nongumzili. Umvuzo £40 ne school
fees. Wobhalela ku KEV. A- WELSH,
2t611 Emgwali, Dohne.

KUFUNWA KWANGOKU otitshala ababini
abatata isi Ngesi, abangange. disayo enkonzwani.
Abatshatileyo bangatandwa ngapezulu. Bobhalela
betumela iziqiniseko zesimilo ku
ELBERT T. CLABKE, 3t311 Ixopo, Natal.

KUFUNWA u Titshala we Sikolo Sabantsundu
esiteta isi Bhulu. Wobhalela ku
BEV. GEO. WEAVER,
Wittebergen, 2t611 Herschel.

£1 0s. Od.

Yonikwa umntu ongalandisa umkondo we hashe lam
—Itokazi — i NGWEVUKAZI ELUHLAZA,
linomtshiso ongu E ngase kohlo. Nakupos' amehlo
nase Zikiti, liminyaka 6. Kotunyelwa ku
TIMOTHY MAKABA, 3t311
Manzindaka, Gala.

ABATSHATILEYO.

MAYEZA-GWASHU. — Kutshatswe e
Kimberley, ngu Rev. Jonas Conjwa nge 28 October,
1890, u PHILIP J. MAYEZA unjana omkulu ka Jon.
Mayeza, no EMMU GWASHU, intombi yokugqibela ka
Jobi Gwashu, yase Tyume. 3t201.

ABALAHLEKELWEYO.

Amahashe! Amahashe!

NDIHLAB' UMKOSI mawetu wamahashe!
Zinkabi zimbini, enye UGWANGQA elide,
linekolwana eucinci, nomtshis S.M. Enye yiponi
EBOMVU, etive tshi, eyekohlo indlebe, ikwa
nomtshiso S.M. Alahleka e Goso. Olandisileyo
ndomvuzo ngovuyo olukulu. Abhalele ku P. S.
MAZWI care of Mr. R. Viedge, Tabase, Umtata. 2

IGAMA! IGAMA!!

O CHARLES B. ZWAARTBOOI no STEPHEN B.
ZWAARTBOOI, base Cook house namhla bayliguqula
igama bang "SOXUJWA." 3t201

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kweze 4/6
to £2 inye.

I PRINTI ezi "best" ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream
i Muslin yokunxiba anemigca 4d. yard.

I Satin Ezimhlope nezi Cream, ld., 1/-, 1/6 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza
Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimphla ngokwe-
nu. Ngapambi kokuba nitenge napina
yiyani ko*

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KING WILLIAMSTOWN.

KWABAZA KUTSHATA:

KANIPOSE AMEHLO APA

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

PASCOE (kwa "FOLOKOCO,")

Kingwilliamstown. Yixeleni into embi kusc, ukuba



ITYALI ZETU-UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ningalibali PASCOE (kwa Folokoco),
ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nom'bona kona SALUFU.
Wonderful Medicine.

BEECHM'S PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick
Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills,
Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin,
Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST
DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited
to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be "WORTH A GUINEA A BOX."
BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They
promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a
Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;
they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organ; Strengthening the muscular System; restoring the long-
lost Complexion; bringing back the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE
PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climate, they are specially renowned. These are "fact" —
admitted by thousands, in all classes of society and one of the best guarantees to the Nervous and Debilitated in that Beecham's Pills
have the largest Sale any Patent Medicine in the world. Full directions with each box.
Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helene, Lancashire, England.
SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

GIBBERD no BRYANT.

ILOKWE ZOKUTSHATA.

ISATIN EMHLOPE NE CREAM. 25s., 30s., 40s., 50s., 60s.
ILOKWE ZOKUTSHINTSHA (Amabala onke) 25s., 30s., 40s.

IMINQWAZI YOKUTSHATA.

5s., 6s., 7s., 8s., 10s.

AMAGQABI ABATSHAKAZI.

1s. 6d., 2s., 2s. 6d., 3s., 4s. 5s.

IZIGUBUNGELO ZABATSHAKAZI.

3s., 3s. 6d., 4s., 5s., 6s, 8s.

IONDILOKWE EZIMHLOPE.

1s. 6d., 2s., 3s., 4s. 5s.

I-CHEMISES—1s., 1s- 6d., 2s., 2s. 6d.

EZE 6d. — I-PRINTI — EZE 6d.

Amabala Amatsha.

GIBBERD and BRYANT.

AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTETELI-FANDESI U ELLIS utengisa e Qouce yonke imihla emva kwe Malike yakusasa—ngo Mqgibelo kuhlala kuko Itpahla yokufaya etengisayo.

Amafandesi ake Empahla Ehambayo atako

E-MTONJENI, KEI ROAD ngolwesi-TATU lwesibini ezinyanga zonke. E-TOLENI (DOHNE) E OUMAKALA ngolwesi-TATU lwesine zonke inyanga.

Kuyo yomibini lemisito Abatengayo banokufu- mana Igusha ne Nkomo.

Bonke abezisa impahla yabo kuye ukuba ayitengise bangahlala besazi ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.

Kobhalelayo : J. D. ELLIS, Auctioneer,
Kingwilliamstown.

Intlanganiso Eliliso Lomzi.

(LOMANDLA WE QONCE.)

IBIZELWA e Pirie, kwa Lose, emini ngo 11, ngolwesi-NE, 13 NOVEMBER. Umcimbi: (1) Kumiswa kwakona kwe manyana zangapandle, (Onobhala be Lokeshoni) ; (2) Kulungisa ukuzo ko M'patiswa-Bantsundu. Abatunywa benkundla ngenkundla bayanqwenelwa 30 October, 1890.

CH. FRIEDRICHS,

(YEMA NGO 1858),

UHLALA ENAYO ININZI

Impahla Etengisayo,

ENJENGO

Ziswekile-kofu, njalo-njalo, Impahla Yendlu. Ingubo, Uouqeleqele, Eye gilasi, Into zokudlala intsapo, njalo-njalo.

*IMBEWU zika SUTTON zezityalo
Zegadi.*

IHASHE! IHASHE!

N DILAHLEKELWE lihashe lam ELI-

BOMVU elibubhene, linekolo, line bala elimhlotsana emputlweni, linenqina elimhlope ngasekohlo ngetnva, linempawana ezimbini kwangasekohlo endlebeni, linesinci eculuku; nxa lihamba likwelwe nngati lino nyonga, kwangase kohlo, kanti hayi; nxa lipala ligoba intloko ixesha lonke ngapandle kokuba liyabaleka; liyakwazi ukubaleka kakulu kyvrano kuqhulqha, angade enele pambi kokuba lipale kupela, amanqina liwatata kakulu liyigobile intloko ixesha lonke likawuleza. Wovnzwa ondilandisileyo.

THOMAS MQEDAZWE,
412711 Healdtown, Fort Beaufort.

Iveki.

INTLANGANISO yabafundisi nabadala be banda lama Bhulu ehleliyo e Kapa igqibe kwelokuba itumele abafundisi ababini kwela Mashona ukuya kusebenza kona okwexeshana.

AMANANI okulayishela e Transvaal ukusuka e Ladysmith ehle ngokubalulekileyo.

IXABISO lebhotole e Bloemfontein linyuke kunene; iponti yalomafuta ihamba kwi 4s. ne 5s.

KUTIWA kuko umfo ofe kufupi nomzi ka Mr. Lawler, ngase Qumanco eba siyafunyanwa isidumbu sesi-Katulwe ukutyiwa zizinja.

Ipepa lase Monti liti u Dr Kroft uyindlela kwakona ukusonga kwelama Ngesi ukuya kulungiselela ukushicilelwa kwe Bhaibhile ngenjalo yesi Xhosa ekubeni ibicidwa ngabaguquli ngezinyanga zigqitileyo.

IZIHANGE kwindlela esuka e Rini eya e Bhai azikapeli nanamhla. Kuko umfo ezimshiye etyapake iliso, zingaxelwa ezinye, induma e Howieson's Port ngobusuku bo-Mqgibelo ongapaya.

E MDLOTI e Natal kusand' ukubulawa ingwenya enkulu, ekubeni bekungasaziwa ukuba ziseko.

NATI apa sinokuti sike safuinana imvula emmandana ngobusuku bolwesi-Ne lwegqitileyo.

I PALAMENTE yase Natal ibizwe ukuba idibane kwakona ngo 26 ukuba inike u Rulumeni igunya lokuboleka imilinyon ezimbini ukububela pambili olofiwe nokulungisa izibuko lase Durban.

INKOSI yama-Mpondo u Sigcau ubeye emdeni welake olunge e Natal ukuya kuva hlabang yezipitipitibezikona. Zisadambile ngoku.

U RULUMENI wase Kapa nowase Free State bavumelene ukuba uloliwe avulwe e Bloemfontein ngo 17 December.

INTLANGANISO ebalulekileyo ebise Durban ngobusuku bolwesi-Ne lwegqitileyo igqibe kwelokuba abapati bomzi banqumame ukunikela imvumelo kub tengisi botywala.

NGOKUBHUKUQEKA kwenqwelana apa ekutiwa yi trolu ebibaleka ngo-Mvulo ongapaya pezu kwe Bushman's Hoek kule ndlela kaloliwe iya e Alvan, kwenzakele umlungu ongu Hendrick, nomfo outsendu obekwele naye. Omhlope utyumke ihleza ngokoyikekayo, ontsundu wapuka itambo ngenla kwedolo. Ubelhe wabhubha ontsundu ngavumanga ukuba anqunyulwe umlenze.

UMNTWANA womlungu ongu Thompson wase Beaconsfield utshe wafa ngamanzi ashushu apalalele pezu kwake ngeketile nge Sabata ongapaya.

KUXELWA ezokubhubha kwenkosi yama Damara ase kungeneni kwe Gqili elwandle ngu Kamaherero.

KUBANIWE e Beaconsfield umlungu wehotele ongu Alexander ngokutenga idayimani ngobusela. Umelwe nge £4,000 Ukuba alude i Jaji.

ISICOTO esigqite kumandla we Bronker's Print e Transvaal ngaleveki ipelileyo, senze umonakulo kumafama. Elinye lilahlekwe liwaka elinamakulu amatatu egusha laye elinye kusitiwa zife zonke inkomo zalo.

E BHAI kufike umfundisi omtsha we sebe le Rabe eliyi U.P., wclase Scotland waye esiza kwindawo ka Rev. R. Johnston ose Lovedale ngoku. Igama laloinfundisi mtsha ngu Rev. James MacPherson, M.A.

U MR. WM. TUNBRIDGE umlungu owaziwa kakulu e Nqweba ubhubhe ngebhaqo e Kimberley ago ngokuhlwa ko-Mvulo ongapaya ebehambele kona.

UMLUNGU ongu Udermans wase Kapa ubhekise izikoti ezine emfazini ngolwesi-Tatu lwegqitileyo, esinye sitsho egzalabeni. Ubanjilwe.

Kwindlela esuka e Qonce eya e Rini Phakathi kwe Qonce ne Rini ngolwesi-Tatu ilawu lenqulwe lincawze icuba ngabafo abamnyama, abate lakulandula basebeliwela belidlwengula ngentonga.

NGESIPANGO ebisiko ngase mantla e Rafu kubonakala ukuba kuyo ilifu eliwapalaze amanzi elibe liwatwele kwi fama ezimbini zote Messrs. Brummer no Wilke, ekute ngexesha elingepi kwazala intilana ebingakunjulelwe kwemka igusha ezikumakulu asitoba anamanci asixenxe anane, ezihambe zicolwa sezifile e Nqweba. Unalusi uti anyuke iyawo ezintlanu amanzi ate ixesha elingati ziyure ezimbini vena nomfazi babe kumsbenzi wokupakamisa abantwana ukuba bangatshoni.

U MR. STEPHEN JOHNSON, M.L.A., omele i Dike e Palamente, use Dikeni ezandleni zegqira lakona ngokungapili.

IMVOLA kutiwa akuko mini inganiyo e Ulla yinqaba nokulima. Ingqolowa incamisile ngokubantye kwelo.

KUKO umfazi obulele usana ebeselune-nyanga, olindiselwe i Jaji e Ladyfrere.

Iase Richmond elibe lilimbele e Bhai htyibhile kwindlela apa zalowo- mzi ezihla emaxaudekeni zagangatwa ngento emnyama lapuka ingalo.

KWASE Bhai kuwe kwi varanda epezulu intwana ka Mr. A. Afeldt ibambane isebzi lomti ehilunge nayo, yaqetuka—elokuya ukusanga ezantsi. Yapuke umbano ne lungu lentamo. Akuko loyiko kodwa ngecala lempilo.

ITOLA pezu kwe Gqili zipelisiwe nanga-kwicala le Free State.

UMFO ongu Moss Lwandile ufanyenwe ngo Mqgibelo ofile pakati kwe Kubusi ne Cumakala. Ubeqityelwe enkilile ngemini eyandulelayo, ekutiwa makabe ubulewe butywala nokulala pandle.

UMZI uva kuvuya ukuba ukuba oko u Hon. J. W. Sauer ebekwe wabublungu sifuba ubuye wapila.

AMAPOLISA (Cape Police) akelwa ibhalakisi ezomeleleyo kwikampu ngekampu zawo.

BAYAKUCULA kwakona e Komani ngo Mqgibelo ozayo abavumi base Amerika, bakubon' ukuba sebevela e Burghersdorp nase Alwal.

KUKO umfo oduyulwe li Bhulu emlenzeni wapwata kakubi nangezinye indlela kumandla wase Burghersdorp. Akuvakali ukuba iyackidwa into leyo.

NGOLWESI-TATU lwegqitileyo inkwenkwana yenkosi u Tatoyi okwifama ka Mr. Bayne, Emngeni, Natal, icola imbumbulu ye catridge, kweseko zadubula, ifike iyifitake emlweni; idubule yangena entanyeni loimbumbulu yatsho kwapela.

Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-NE. NOV. 6. 1890

UKUZIFIHILA UMZIMBU

URULUMENI unesaziso kwi Mvo yanamhla ngo Mtodo ongokunxiba. Kufanelekile ukuba umzi, ngokukodwa obomvu, uvuswa kwakuselixesha ngendawo yokwambata. Kuhjeli kuko -umteto, owamiswa ngo 1879, ukuba abantu banxibe ngokufanelekileyo kuzo zonke indawo abanokuqubisana nabanye kuzo Ixesha eli lomteto ube ungasebenzi. Yiyo lonto uvuswayo umzi ukuba wazi ukuba uyakuhanjiswa lomteto ngomxholo wawo ukususela kuzo kuto 1 Februari ozayo. Seleyalele u Rulumeni ukuba o Mantiyi bawazise umzi ngangoko banako kwezondawo bapete kuzo; kwaye kuyimfanelo ukuba abalesa amapepa bayihlwaye lento ngangoko banako pakati komzi.

Baninzi abayakulitakazela elibakala, kuba kuzintloni ukuzipata kwenxenywe yamawetu ngokupatelelele ekuwufihleni umzimba kwindawo ekuhamba abantu. Kuko abasuke baxele umsenzi wase Maxhoseni, obehamba ze nje-nje- nje, ati xa atayo angabinantloni ukunika umva kubafazi nabantwana ade agqibe ukuta. Eli lixesha ipelisiwe lento. Sanelisiwe kwakona luhlobo ayihambisa ngalo lento e Rulumeni ukuhlokomisa kwakusemgama ukuba ukungambati uza kukohlwaya. Bayakuti bebangwa abaziqhelse ngokuhamba bengazidli ngomzimba babe bengenakuti, Wabani. Uyavuswa ke umzi.

Impawana.

KWIZIHLORO ZETU.

NGAMATYALA E "Mvo."

NGENXA yenguqulo eziya kwenziwa ekushicilelweni kwepepa nqonyaka ozayo BAYABONGOZWA bonke abahlobo abanamatyala kwi "Mvo" ukuba ; baqoshelise kwangoku ukuhlala besisa ekupeleni ko NYAKA lo.

J. TENGO-JABAVU.

23 October, 1890.

NGOKWENGXELO esiyifumansa kwi pepa lendaba last Monti, siya ukuba i ama Mfengu abonakala ezinikelele ekuzibhuhiseni njengesizwe kwelipesheya kwe Nciba. Eliti ke elipepa " Sinosizi ukukuya oku. Ukuba ama Mfengu angene emnyhadaleni nama Mpondo wokuzibhuhisa, ayinakuncedwa into leyo, yinqubo yento zonke leyo, kodwa iyadanya noko kunjalo." Siyakolwa ukuba lento kutetwa ngalendlela kukuba abantu beziyikelele etywaleni, ixelelwe lento kuba ongene kubo engasenako nokuzama oku ukuzamela into ezizezidluliseleyo.

UMHLOBO wet' u Mr. L. Ntata (Sikobeni) usibhalela ngesaziso senkabawayesifake kwi Mvo. Usazisa ukuba sakufeza oko esasifakelwe kona. Usitumele lemigcama 5 yakufundwa ngumbulelo ngabholo bonke be Mvo:—Inkabi yafunyanwa ngumuniyo, warolwa sisaziso e Zazulwana kwesika Veldtman. Uti ebese-yincamile, asikuko nokuba uyabulela ngento eyenziwe zizi Mvo. Ndiyakolwa ukuba naye namhla uyakuyingena ukuba u Feltimean uti makayitabate. Uti lomfo kufuucka zonke izinto zenziwe lento ndiyenzileyo ke, wandibuza lonke ixesha ukuba benditemina ukuze ndicinge lento ke, wandimka 9s., kwatwa mandiyekayay. Ngu John or Comi Sikiti.

ABABHALELI abase Burghersdori) bancoma ukuvuma kwebuto elibe lipetwe ngu Mr. Henry Ngcayiya utitshala wakona, ngokuhlwa ko Mvulo onanaya kwindlu yetyalike yama Wesile yantsundu. Le concert ibisenzelwa ukubuta imali yokwaka indlu yomfundisi. Iviwe ngabelungu kunene, esivuya ukuba ukuba bapume bengagxeki, esingamangaliswa kakulu njengokuba sibona kwingxelo amagama engoma ukuba zazizeziyolileyo zodwa, ekwakungaqitela abavumi ukuba zingabinjalo. Ababeko bati bazitsho kammandi. Kubalulwa kubavumi into ka Ngcayiya enet, neka Mpinda, ekutiwa inge ibhasi ipuma nangempumlo nangendlobe, kwawento ' ka Konongo, Ukubonisa ukuba ubungopumeleleyo lomgobo ungen ise £4 10s., kungenwa lomeheleni ngabakulu abantwana nge 6d. Ama Afrika anawo amazwi okuvuma, sekufuneka igcisa lokuwaqeqesha ukuba enze imimangaliso.

UMBHALI wentlanganiso yase Mzimkulu usitumele ingxelo wentlanganiso yamawetu amelelo, oyakuvuya umzi ukuba indaba zayo. Kungokwanda kwentlanganso zase makava eziniengale ekungade kubeko eya Batunywa ba Mahlelo Intlanganiso. Kuyakuba yinto emnandi kuti ukuzingenisa ingxelo zezintlanganiswana ngentemba loku ba nezinye indawo zoti zakuziva zizame amatuba okuzenzela. U Mr. I. J. Mayeza Um'bhali wentlanganiso yase Mzimkulu ubuza into amelwekuyihlala ngokusipa ezindaba. Impendulo; akuhlalulwa nto mzalwana, ngento esazake lilungelo lomzi wonke. Sinenkolo ukuba zanele indawo ezinentlanganiswana njengo Mzimkulu, kodwa ziyakufihla ukukanya kwazo. Ixesha lokukhanya kwazo ngati lifikile mazipakame zikanye.

NGENTLANGANISO yase Mzimkulu situ-nyelwe lengxelo imfutshane ilingenayo:—"Ekufoni kuka September sibe sinentlanganiso emmandi kunene apa Emzimkulu ekutiwa *Lumanyano*, emana ibako zonke i quarters. Ko le yayise Krom Hoek, kwaye kuko amanene avela kwindawo ngendawo njengase Tembeni, Diep kloof. Cabane nase Boschfontein. Ingxoso zaba zezimmandi nezikutazaya kunene, zizezibhekiselela elugabukweni malunga nemfundo yosapo lwase Mzimkulu. Malunga nenkuzato kwafikwa kwanyulwa amadoda amatatu yintlanganiso okokuba abohambela izikula zalapa Emzimkulu ngazo zonke ikwata (quarters) ahlangele ne Titshala, abuze kuzo izinto ezibakalisayo malunga no sapo abalufundisayo: ukuze bona batete nesibonda (headman) salondawo ngazo izikalazo ezo. Kwati emva koko kwasingatwa icebo lokuba abantwana abafunda ezikuleni zalapa ma bangakutshwa batyvelwe ezi seminareni. baba bapumbelele i Bakala le sine (Standard iv). Latwalwa icebo elo kwaba kuyaduwywa emva kwengxoko ezifudumeleyo. Pakati kwamalungu ayeko kwaphuhla la Mr. William Sekeleni i Chairman, Mr. Isaiah J. Mayeza i Secretary, Messrs. Thomas Sekeleni Headman, A. Mankebe, M.W Ntloko, M. Mvusi no Shepson.

NGU Rev. D. D. Fraser wase Nyara onikwe indawo yomfi u Mr. John Samuel uyo Buhlozi Zikolo. Bonke abamaziyo bayakuvumelana nati ukuba kunyulwe indoda ewufanele kanye umsebenzi. U Mr. Fraser yenye ye Titshala ezitshatsheleyo kweli, waye eya kwumika isihomo esimnandi umsebenzi alafelwo wona. Sivuya no Sir Langham Dale ngengendo ayibonakalisileyo ekumiseloni u Mr. Fraser esikundleni sika Mr. Samuel.

WETUSIWE umzi ivakowetu omele i Qonce kukuya ukuba u Rulumeni ubevusa imantwana ezabulawa kwesititshi wakubon' ukuba ube wenze esihlo esirara umzi ngenxa yazo. Lomteto ube une nkatazo ngokuti kwakuzala inkomo amelwekuya kubikela imantwana umntu, lakufa itole umhlambi inkomo, kwafumana inkomo: umelwe luhambo—yonke lento kukuba ungatenjiwe kuba kusitwa ulisela. Lento yenziwa kumzi ongakutshwa mzi ukutyiwa ubusela. Kuyimfanelo ukuba umzi udibane ubonisa ngalendawo. Kwize otisi zilapa bekukangelwe ukuba bamsebenzi onobhala ekufeni kwenyanga le ipele ngolwesi-Hlanu, yaye ukungabinjalo kukuba ngati lento ibiquitywa zizandla e Kapa ingaziwa ngabapatiswa, abasakuke nabo bayikangele. Asikolwa tina ukuba abapatiswa baya kuyamkela kuba nobhala e Qonce baberoxiswe ngu Mr. Sauer.

Umjikelo wo Mpatiswa-Bantsundu.

PANTSI KO LUNDI.

Ngo 8 October Umpatiswa eluhambeni udibene namafama amele i Cedarville abeke pambi kwake ukufaneleka ko

MTETO WO MKONDO, besalata idlala elikoyo kuwo ukuti ungeniswe emzini umkondo olahlokelweyo kuti makalate elona sela.—Umpatiswa ute iyalibona elidlala, waye lomcimbi eya kuwunkela ezandleni zo Mqondisi Mtodo.

NGOMTETO WOKUQUBA NOWE LOKESHONI, Umpatiswa ute njengokuba u Rulumeni eza kukangela umcimbi wokwahlula i iziqingata zase Mount Currie, zase Mzimkulu, nesase Matatielwe kwezabantsundu zibekwe pantsi ko Mpatiswa Miemibi ye Koloni, ngebeke balindele oko bangangxami ngalemiteto.

IMIHLABA KWELASE MATATIELE.

Amafama awakalise ukuba anoloyiko ukuba imihlaba ayicandise kweli iya kuzaliswa ngabiniyam. — UYapatiswa ute akuko bamnyama baya kuvulelwa ukuba beme kwimihlaba engakacandisa kwisiqingata sase Matatielwe, de kube mhlambi u Rulumeni wanama umblawa we Netevu ngalo. Xa kumiswa iziqingata eziya kwahlulwa kwabamnyama unokuti ilokeshoni ezimele iziqingata ezikolise ngabamhlope zikutshelwe kulo mihlaba ngendlela yokwanama umhlaba.

Ebhulele u Mr. Faure ngokuwamkela kwake kammandi, ancoma nempato ye Mantiyi Enkulu u Ntabeni, yaulukene intlanganiso.

Intlanganiso namawete e Cacadiu

Ngo 18 October u Hon. P. H. Faure uuike e Cacadiu (Lady Frere) selelindwe ngaba Tembu abamele i Glen Grey ate ubengalindele ukuba baya kubako, wati unga angakupulapula abanga bangakubhekisa.—U Mr. Hendrick Kalipa ute intlanganiso yalate u Mr. James Pelem ukuba abe ngumlomo wayo, ute kwasa wema ute vema uzidlowise epeni into abanga aba Tembu zingabhekiswa. *Ngobusela* ute, ubusela kakulu buquitywa ngababela elo lake, ate wabonisa ukuba ngekumiswa amapolisa amnyama ukuze bucinpe. —*Ngokwendisa ngesiko labanngama* ute abamnyama banomngwenyo ukuba imitshato ngesiko labo ilungiselelwe ngomteto, kuba ngoku imantyi azivumi kwatwata amatyala alemitshato yesiqaba.— *Ngezibonda* ute ishumi ngenyanga lincinane, wati ezanelisayo mazinuyuselwe. —*Nge Bhula* abantsundu abavuchasile lomteto, kodwa bacela ukuncediswa ngu Rulumeni. — *Ngocando* bacela imokolo 20 ukucelela abantu abasebenzileyo.

UMPATISWA upendule wati uyabulela ngenjento leyo aya kulandela yona ekupeuduleni. *Ngobusela* kusaquitywa amacebo okubamba amasela ngamapolisa ebandla le C.M.R. ne Cape Police anetemba ukuba ayakude abuncipise ubusela.—*Ngemitshato yababomvu*. Lendawo woyibhekisa ku Mqondisi-Mteto wakomkulu ukuba akangela ukuba akuko nto angayivelisayo na ilicebo.—*Ngezibonda* ute ucinga yena ukuba imali ezivifumanayo iyelungileyo; ezona zingabhatlwayo zezona zenza owona masebenzi uphuhlileyo.—*Ngobusela* abayixelanga eyona nto banga angaba necida kuyo u Rulumeni. Ukumbuze ukuba ngokupelisa ibhula bacinceda kwabona nengxowa zabo, ngokuti bube buninzi uboya.—*Ngocando* ute lomcimbi useleke wamana ukuvulelela u Rulumeni, ayakuti akuba egqibile, atumele azize. Yahlukene yakubon' ukuba ika-hlele intlanganiso.

EZABA BHALELI.

NGONYULO LWASE MPUMALANGA.

Ku MHELELI WE MVO ZABANTSUNDU—Ndicela ukuba undifakele lamazwana kwipepa lako. Ndiwabhekisa kuhlanga lakowetu, ngokubhekiselele kunyulo lwendu epezulu. Umzi niaugcine u W. Rogers, Esq., wase Glen Cairn, Division of Queenstown, kuba yindoda endiyazi kakulu ngeDivu zayo ngohlanga. Ndi-bhekisa kuni nonke bantsundu kumandla ongame mpumalanga manigcine elograma lingentfa.—Owenu umhlobo.

J. RADASI.

.Seymour, October 25, 1890.

UKUBONA KOSE BATENJINI.

MHELELI.—Ndincede, kuba ndiyalita- Data nam ipepa ukuke ndicumabambe kulombava yeziydwangube, namanence, lendawo yeziydwangube kuba iteta ama tch:nve andinakuyiqqiba. Ukutsho ndi- aixhlemele ukutabata kulombava yezi- dwangube ukuba ndifake lomgcane; si'qmile itshawe elingu Faure njengoko 'avile kwi Mvo, sati sakumva samcela k'Wmantiyi yetu ukuba makeze e Ndwana. *no singabahlangamisela koma abantsu- noOu yakule ke imantyi yati akukulunga kuba Ingcoho no Sidubu ziyakubase 'Cala, akutsho ke simvile sayeka, kodwa ndjbone ukuba ixenye yaba Tembu 'vikoliswa yilento yokuba simbizele e Ndwana. Kekaloku nditi ke kuwe Mhleli kuba siziva kuwe kade izinto, bekungalngilena ukuba siti xa sine-dawo esiyiqondayo ukuba lungile simbizele kuyo ngapandle kwedolophu? [Ka- &ade.—Ed. IMVO]. Ke manditi simbone * .Rulumeni nase Cala apo, usitoma- lalisile kakulu, nakuba zingeto zinkulu esizenziweyo ngobobugeu- dwana sibenzileyo, ukutsho kukuti asinanto amgayitihlayo. Into esifike sayibhekisa site ku Rulumeni makasi- necede ngalomambi wentonjane, safaka inqaku lokuti makasincede u Rulumeni aigabakweta, utywala, ubusela, eyesihlanu ukuba asincede nge taitile zokuma imihlabu yetu, ilizwe letu kulom'buso ainawo lamabala akavani nom'buso wctu lo sinawo walamaxesha okokunza u Rulumente. Waza umfo lo wavana nolnvo lwetu, umfo olunge kunene, nokuma kwake. Ubuve wafika nase Ndwana kwa Mr. W. H. Wilson elalisa esiya emalaheni, sabuya sayakumbona neqela lase Ndwana nase Seplan. Ndti kuwe Editor andikwazi ukulixela elinene ndingasenzileka esam isiqu. Andizanga ndibe nokuvula nmlomo warn kulo. Ndingati ukuze uqonde ebutshanezi bokuteta, ndim indoda enokuteta izinto apa e Batenjini, kodwa kwelitshawe andizanga ndibe nakuteta. Ndati ukuvula nmlomo ndasebeza ukuba into endivitayayo ibepantsi. Nokoke hike intloko zaloincimbzi zimana ukukala ngo Mr. Tunyiswa. Keandifuni ukuba umzalwa- na lowo ndiqube kakulungaye, kodwa ke nditi ikwile maliyekwe. U Mr. Jabavu ngokusemhlotseni ubiziwe, utandise, ubizo lwake lumhoipe luyafana noluka Moses. U Moses wabizwa etyofweni ukuvuta komhlo bayebubuko buka Tixo ke obo. Walukupa usaplo luka Tsilele walukokela, waluweza ulwandle olubo- niTU, wayezalwa ngo Isilele naye, wam- nyula ke u ezalana nati. Mandiyake betu. Uxolo kuba nyazi ukuba tina Batembu asibantu bakatazayo uxolo mhla umntu alutalyo ugadla, ndiyagqiba kwelozwe lokuti ndiyeka ndinga andingeyeki. Ndingawonyo nababati ipepa malandiswe, into embi nye kukuti umntu eteta into elungileyo azifihle njengo T. T. K. Ndikolile yinteto yake. Nam ke ndiyazifihla, uze uti ndinga

MTEMBU WENYANISO.

Ndwana

KUBABHALELI.—Kuko umhlobo olunge e Bankies (Glen Greiv) otumele izi- tampu—6s. eze 6d., Is. eze Id—walibala ukusinika igama.—Sinywelewe Is 6d ne 12s 6d ngamapera e post yase Middeldrift ngumxhasi wetu ote akasinika igama. U Asikafumani zwi kwatwala imali ese Ngcobo akalixela igama.—Mabasikaule- zele abahlobo ngamagama abo abawali- teceleyo.

IJAJI EMTATA.—Ube kulomzi ngo 17 October u Judge Maasdorp, ingu Mr. Burke ele Nkosazana—Mpetsheni wakwa Mqanduli ngokukubela ngezembe u Pe- uko. Ukululwe ngokulubala kobu- ngina.—Ngcingane wase Xoroawagwaza u Nkebe, udlwe £15 okanye inyanga *6.—Mise wase Caba ngobusela bamahashe 3; iminyaka 3.—Bala ngobudlwengu inqhina labo ingu Nehemiah Tile: oninyaka 2 nekati 20.—Ram no Mposelwa ngobusela begusha 78 e Mbokotwana, owokuqala 21 owesibini 2 iminyaka.—Ram (kwakona) no Wiso ngokuba igusha 50 e Mahlanguku u Ram elivumile iminyaka 2; wakululwa u Wiso.—Wayiti ankenkwana eminyaka 14, ngokubulala kwa Bomvana u Walaza umelwengu Mr. Tamplin. Babesihlwa wentonga i- nqaku lwe lalityala lokubulala exaban weni afunyenwe enalo wanikwa 3 iminyaka.—Mbotyi wakwa Tsolo, ngokubeta enzaka- lise u Skiti ate wayenxilile engazi. Udlwe £20, okanye unyaka.—Mzatubana wase Rode ngobusela benkomo ezilishu- mi namahashe amabini. Ulivumile iminyaka 3.—Siko no Paliso bakwa Tsolo ngokubulala edabini u Paliso ulivumile; kwakusetywaleni. U Siko udlwe £5 okanye inyanga 3; u Paliso inyanga 15.—John Campbell ngokudlwengula ngokubeta u L. G. Lester ampange £11 umelwe ngu Mr. Blaine babesele ukululwe.—U Mpolo no George base Owegwe, ngokuba igusha, u George umelwe ngu Mr. Blaine wakululwa: u Mpolo inyanga 9.—Carl Schroeder wase Mtata ngokugqobhoza ebe: ulivumile; inyanga 18.—U Diniso okwangu Pony wakwa Tsolo ngobudlwengu ukululwa.—Gau'ulekayo wase Qencu 'ppkubulala kwilwabano lomqomboti udn3*c £30, okanye 18 inyanga.—Sokupa fcaw'a Mqanduli ngokubulala umelwe nguMr. Tamplin. Unyaka.—Mduyvelwa wase Baziya ngokudlwengula umutwana ominyaka 10. Iminyaka 3 nekati 25.—Regu was3 Rune ngokubulala exabanwe- ni lase mtayini, akucacanga ukuba u Maneti ubinzwe ngu Regu wakululwa. A'—Mazentli wase Gwatyu, ngokubulala u Rashalala kwase mtayini, umelwe ngu Mr. Blaine, baxabana ngetiki, abate xa kugodukwayo u Masentli no Sidiki ba- mrvitsha ngebant wada wafa. U Sidiki ubalekile. Ugwetyelwe ukuxhonywa.—U Lele no Cunnkela bakwa Qumbu, ngokuba ihashe bakululwa ngokungahla- anbuluki kobunqhina. Aba ayapela.

INGXELO YOVIWO LO TITSHALA.

[IKHAULEZISWE NGO CINGO.]

Lengxelo siyipakela umzi namhla iqale ukuhlokoniyiswa e Kapa ngolwezi Bini olu (Nov. 4), aye sikaullezela amawetu uknba abehle azive indaba zomnyhadala wezikolo nentsapo emfundweni:—

CLASS I.—HONOURS, IN ENGLISH AND KAFIR

- 1 Henry C Meikinya, Tr Insk, Healdtown 2 Henry Bkitha
- 3 Julius G Ngxola, Tr Inst, Clarkebury

CLASS II.—COMPETENCY, ENGLISH AND KAFIR.

- 1 Joab Mahlaka, Mis Inst, Blythwood
- 2 Amos M Qunta, "
- 3 Isaac Mahlangu, Kafir Inst, Grahamstown . 4 Bennie W Mahlasela, Tr Inst, Clarkebury ! 5 Simon Bekwa, Tr Inst, Healdtown
- 6 Elizabeth Zokufa, Mis Inst, Lovedale ■ 7 Joel Mpondo, Mis Inst, Blythwood 8 Josiah Mguli, Mis Inst, Lovedale
- 9 Horace J Nonkwelo, Tr Inst, Clarkebury ■ 10 Aark S Radebe, Mis Inst, Lovedale 11 Enoch Sangoni, Tr Inst, Clarkebury 12 Robert D Mateza, "

- 13 Amy Nangu, Girls' Inst, Emgwali 14 Caledon Nyikana, Tr Inst, Healdtown 15 Jane Lokwe, Mis Inst, Lovedale 16 Edward R Payi, "
- (Wycliffe Yako, Tr Inst, Clarkebury ' (Palmer 8 Mgweyana, "
- 19 Geo W Tyamazshe, Mis Inst, Lovedale 20 (John Funani, Tr Inst, Healdtown
- Ella Tyamazshe, Mis Inst, Lovedale 22 Sarah A Ntshona, Mis Inst, Lovedale 23 Bill Koyana, Kafir Inst, Grahamstown 24 Lennox Tshaya, Mis Inst, Blythwood 25 Emily Tshayincha, Tr Inst, Healdtown 26 Henry Bezuzana, Teacher, Mis Sch, Rura 1 27 Hannah Mdolomba, Tr Inst, Healdtown j 28 John April, Teacher, Mis Sch, Ga'bonco 29 James Mashikiza, Ntv Boys' Inst, Umntata
- (John Masiza, Tchr, Dingiswayo's, Tsomo ' t Peter Mtj.'St Matthew's, Keiskama Hk 32 Sophia Ndwandwa, Tr Inst, Healdtown 33 Walter Jijana, Tr Inst, Clarkebury 34 Josiah O Kumalo, Mis Inst, Lovedale 3g I Stephen Makaula, Tr Inst, Clarkebury ' David Cembali, "
- 37 Colley P Manyadu, "
- 38 Eliud Bitela, Mis Inst, Lovedale 39 John Williams, Mis Inst, Blythwood 40 Sarah J Msindwana, Ayliff Girls' Inst, Umntata

- 41 Haggai Lubisi, Tr Inst, Healdtown
- 42 Crouch Mrasi, Mis Inst, Lovedale
- 43 Jesse J Peter, "
- 44 Timothy G Kwaza, "
- 45 Naomi Ncoyo, Shaftesbury Home, Peelton

CLASS II.—COMPETENCY, ENGLISH AND SESUTU.

- 1 Noe Seboka, Tr Inst, Morji
- 2 Michael Mofokeng, " 3 Alexander Ntsibele, " 4 Murray Kalaka, " 5 Eugene Methuselah, " 6 Ra' ceae Mongane, Tr Inst, Lovedale CLASS III.—PROVISIONAL, ENGLISH AND KAFIR, OR SESUTU.
- 1 Elijah Jayiya, Mis Ins, Blythwood 2 Adolphus Bottoman, Mis Inst, Lovedale 3 Josiah Y Mlokoti, Teacher, Mendu, Butterworth
- 4 Matete Ntsala, Tr Inst, Morji
- 5 Meyase Mabandla, Tsolo
- 6 Isaiiah Mahlali, Tr Inst, Clarkebury
- 7 Joseph V Seboka, Kafir Inst, Grahamstown
- 8 Paul Bala, Tr Inst, Clarkebury
- 9 Annie Mahlentle, Mis Inst, Lovedale
- 10 Charles Mqijima, "
- 11 Allison Sanqela, "
- 12 Josiah Z S Mangana, " 13 Charles Soshankana, Tr Inst, Clarkebury 14 Holford M J Mama, Tr Inst, Lovedale 15 Ebenczer Pupuma, Teacher, Xilinxha 16 Alfred F Asikwa, Teacher, Ndofera 17 Colbert Mzamo, Tr Inst, Clarkebury 18 James B Maigas, St John's College, Umntata
- 19 Arthur Mzozoiyana, Tr Inst, Clarkebury 20 Garner Mdleleni, Mis Inst, Lovedale 21 Philip J Geali, Tr Inst, Clarkebury 22 Hester Gawe, Shaftesbury Home, Peelton
- (Elizabeth Gezani, Girls' Inst, Emgwali (Mary Zibi, Mis Inst, Lovedale
- 25 Nicanor N Magadika, Tr Inst, Bensonvale

OKUNOKWEXZIWA LUTANDO-Sibhala nje indodana isentolngweni ibiqekeza indlu yetyaliki yehlelo labazalwana e Wynberg, e Kapa, Imbangi kuku- ba ibitabateke yintwazana ebazali ba- ngaba lo tyalike, suka ayamkeleka kwiledi nakubazali, ibe kuzama uku- zenza umntu wetyalike abayihoya, ekutiwa ke itabate imbumbulu yerulwava yayiposa efastileni ilinga ukubulala bonke abebekona.

EZOCINGO ZEEIPESHUYA.—Inkosi yase Vitu ixolele ukulwa kunokuba inikele kuma Ngesi ababulali besibhozo senko- sana zama Jermeni.—Kufunyenwe eudle- leni e Hamstead ngobusuku umlungu- kazi intoko inqunyulwe kanye enzimbeni, etyunyuzwe ukakayi. Yinyashawe, akuvakali nomkondo wombulali.—Ipal- mente yase Holand igqibe kwelokuba ikumkani yelo ebisifa ayisenako ukuzi- pata into zombuso, emakukangelwe ama- cebo okuyibambela.—U Admiral Freemantle uyitshisile i Vitu yakubona ukuba iwele ezandleni zake.—Kuxelwa ezokungqubana kwemikombe emibini yelase Amerika pakati kwe New York ne Havana, etshone yomibini nabanu aba 76 kwakunye no mateloshes.

AMACEBO OKULUNGISWA KOMZI.—U Mr. Peter Marawu wase Sheshegu ubhala uti:—Mhleli we Mve. Ndifakele lemi- gcana. Ndi bizele amadodana afundisi- weyo ukuba angene Isikula se Cawa afundise abangafundiswanga ngabazali. Kuko amadodana angabaxekki—la anga- baseli botywala, kuba ahamba ezimbu- tweni zaba hedeni; ayagxekwa ngaba hedeni, wona ke alike agxeke abangalu- kanga nabangaseli tywala. Uselo ke lona lubanga umbulo, ubuxoki, induma, ubu- hilihili, ukungatembeki entweni zonke, ubuhule. Umseli wotywala akabuboni ubulungisa ukuba bunceda yena, akabuboni utywala ukuba bubume umkosi kuye, kuya kunxila obuselayo, bonaka- lise ingoondo yesilumko. Ndxolele Mhleli ndikulibazisile. Tabatani nali ipepa le Mvo madodana, iluncedo kuni; hlabani umkosi ngalo ezidaweni zonke.

ABALIMI NA BARWEBI.

Umteteli-Fandesi a Mr. Ellis ufutnene la. maxabiso ngereki egqitileyo:—1 Ihashe £10 10/; 1 Ihashe £10 7/6; Inkabi zoknxela ziqale kwi £8 2/. de kwakwi £10; Ezitsala- yo £4 6/. ku £6 15/. Imazi £3 10/. ku £1 17/6.

Ate atyekela ekuhleni amaxabiso empah'a ehambayo ngo Mqjibelo ogqitileyo, singazi nokuba enziwe yimvulana ebisand* ukuna. Inkabi ezintata emva kwe malike yakusasa zizengiswe nge £6 18/. inye; 1 Inazi £5 10/; kwa Imazi £8.

E QONCE, (Nov. 1.) Aniaqanda —7d to 9d ngedazini Irasi eluhlaza—2/2 to 2/9 ngekulu Ihabile—3/ to 6/ ngekulu Itapile—10/3 to 11/ ngekulu Umbona—3/5 to 4/ 2 ngekulu Umgubo—8/ to 17/6 ngekulu Imbotyi—10/ to 12/ ngekulu Inkuni—8/ to 35/ ngefלא

E KOMANI (Nov. 1.) Inkuni—40/ to 75/ ngefלא Irasi—1/1 to 2/7 ngekulu Umgubo—13/6 to 17/ ngekulu Ihabile—3/6 to 3/10 ngekulu Itapile—3/6 ngekulu Amaqanda —1/8 ngedazini Isemile—3/6 ngenxhowa

I JAJI E KOKSTAD.—U Judge Maasdorp uhleli apa ngo 20 Oct., ingu Mr. Burke ele Nkosazana; kwaye kukumsha u Mr. Abner Mlile we ofisi yase Mounteteler.—Luvuyi no Mawtawe ngobusela bama- hashe 6. U Luvuyi (isela elidadi) unike 3 iminyaka nekati 20; omnye21 iminyaka.—Ramayi kwangobusela- begusha enye wakululeka.—Msindo ngokwenzakalisa u Mashalaba, udlwe £10 okanye inyanga.—Mangakatsa ngokugqobhoza ebe, kwe- sika Zibi: inyanga 12.—Danganya, wase Mzimkulu, ngokuba inkabi3: ulivumile, wanikwa iminyaka 3, wahlalulwa £10.—Mdodi ngokubizwa abulale u Dibeni; iminyaka 3.—Mgodla no Njangicuti base Mzimkulu ngokubulala bamelwe ngu Mr. Tamplin. Likwalelase mtayini. Ukululwe u Jangweni, u Magodla 2 iminyaka.—Mgewayo, Mashakeni, Mashinga, Malukoko, Sikamanga no Sipaso ngokubulala kwase tywaleni: iminyaka 2 ku Mashakeni, no Sipaso no Matsingha, ba- kululwa abanye.—Nomvutluka babe- silwa, iminyaka, u Mbabane wase Mountfere ngokubulala u Centane ugwe- tyelwe ukuxhonywa; ngumcimbi okwa- notywala.

Native Opinion

THURSDAY, NOVEMBER 6. 1890.

Public TN another column and Decency. [66] [66] Government intimates that from the 1st February, 1891, the provisions of the law insisting on people being clothed in all places of public resort will be strictly enforced by the police. Of course this can only apply to that class of the natives known as the "Reds" from the colour of their garments. It is not the desire of the Government to take even these people by surprise in respect of this matter. Hence the publication of the notice which allows of sufficient time for those who may be liable to the provision of Section X of Act 23 of 1879, to beware; and we believe steps are being taken to have the local authorities to make this known by all means in their power as widely as possible amongst the natives resident in the various districts of the Colony. Loud and long has been the outcry, principally from the farming community, for a measure to compel heathen natives to wear clothes; and of course this was done in perfect ignorance of the existence of the provisions on this subject of the Act referred to. The farmers will now see that it only needed a Government that would try to enforce the law as it exists, without swelling the Statute Book with cumulative provisions dealing with the same thing, to confound the people. The reasons for putting in force the law on public decency will easily commend themselves to the Natives; and at all events Government will have the good will of the people in working the law—an end well deserving the efforts of any Administration.

